education

Department:
Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 11

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)
IPHEPHA LESITHATHU (UVIWO) (P3)

NOVEMBA 2007

AMANQAKU: 100

IXESHA: 2½ iiyure

Olu viwo lunamaphepha ama-7.

IMIYALELO

1. Umviwa kulindeleke ukuba aphendule umbuzo OMNYE kwiCandelo ngalinye.

2. ICandelo ngalinye malibhalwe kwiphepha elitsha, uze ukrwele umgca wakugqiba iCandelo elo.

3. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo, ucwangcise kakuhle umsebenzi wakho.

4. Nika ingqalelo eyodwa kupelo lwamagama kunye nokwakhiwa kwezivakalisi.

5. UBUDE BEEMPENDULO:

   ICANDELO A: IsiNcoko – Bhala isincoko esingama-350 - 400 amagama.
   ICANDELO B: ImiHlathana emide – Bhala ama- 180 – 200 amagama (umxholo kuphela).
   ICANDELO C: ImiHlathana emifutshane – Bhala ama- 100 - 120 amagama.

ICANDELO A: IZINCOKO

Khetha isihloko sibe siNye esiva wena kwezi zilandelayo. Bhala amagama angama-350 ukuya kuma-400.

UMBUZO 1

Nisachophele ezo Mviwo zeziBalo zokuphela konyaka, kuthe nzwanga eklasini kunoku-vakala nokuthi qithi kwesipeleti, suka neva ngesikhalokazi esatsho ngentlokoma kwelo gumbi, nafane nathi xhungu nixakwe nokuba nithini. Balisa ngesi siganeko kuvokotheke khon'ukuze sicace gca engqondweni nakumntu owaye engekho ukwenzeka kwaso. **[50]**

OKANYE

UMBUZO 2

Ungumntu onegalelo kwinkqubela-phambili yendawo ohlala kuyo kwaye nabahlali bade bakuthemba. Velisa yonke inkqubela notshintsho onokulenza kule ndawo xa unokuvotelwa ube nguCeba. Bhala isincoko phantsi kwesihloko esithi, 'Xa ndinokuba nguCeba kwindawo endihlala kuyo.' **[50]**

OKANYE

UMBUZO 3

Iziganeko zobundlobongela nolwaphulo-mthetho kwezinye zezikolo zeRiphabhlikhi yoMzantsi Afrika zixhaphakile kwaye oku akunyamezeleki kwaphela kuba oku kunefuthe elibi kwinkqubo yokufunda nokufundisa ekhuthazwa nguRhulumente weli. Ucinga ukuba zinganqandwa njani ezi zenzo zobundlobongela, ukuze kubuyiselwe inzolo nembeko kwizikolo zethu. Yila isihloko sesincoko esiva wena ujonge ukhokelwa ngumfanekiso ongasentla. **[50]**

OKANYE

UMBUZO 4

Ingaba kulungile ukuthintelwa ngokweminyaka kwizinto ezithile kweli xesha leDemokhrasi? Luthini uluvo lwakho ngoku, xoxa kuthi ngco kuwe. **[50]**

OKANYE

UMBUZO 5



Bhala isincoko phantsi kwesihloko esithi, Imo Yezulu. Kwisincoko sakho nika izimvo zonke ezichasayo nezixhasayo malunga nefuthe leenguqu zemo yezulu kubomi bethu bemihla ngemihla.

[50]

OKANYE

UMBUZO 6

Likhona iqhalo elisekwe kwesi silwanyana sikulo mfanekiso ungezantsi. Eli qhalo liphuhlisa ukuba umntu akaxakwa ziingxaki okanye yimithwalo yakhe. Bhala isincoko uvelise izimvo zakho ezixhaswe ngemizekelo ngokuqulethwe leli qhalo. Sebenzisa iqhalo elo njengesihloko sakho. **[50]**



AMANQAKU EWONKE KWICANDELO A: 50

ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE

Chonga umhlathana ube MNYE kuphela omde. Bhala ama-180 – 200 amagama (umxholo kuphela). Wubhale kwiphepha elitsha umhlathana lowo.

UMBUZO 1

ISebe lezeMfundo eMpuma Koloni (Bhisho) lipapashe isithuba somsebenzi wokuba nguMabhalane wasesikolweni kwiphepha-ndaba *IMVO zabaNtsundu* yomhla wama-30 kweyeDwarha 2006. Umntu ofunwayo ngophumelele ibanga le-12. Bhala ileta ecacileyo netsala umdla wabachongi bezicelo ukuze bakubone njengoyena mntu usilungeleyo esi sithuba somsebenzi. **[30]**

OKANYE

UMBUZO 2

Kwisikolo sakho konyulwe wena njengoNobhala wesigqeba esilawula abafundi (LRC) ukuba uye kumela isikolo kwintlanganiso yonyaka yombutho wabafundi iCOSAS. Kule ntlanganiso kuza kuxoxwa ngazo zonke izinto ezidla amalungu alo mbutho eMzantsi Afrika. Kulindeleke ukuba ufike esikolweni unike ingxelo yale ntlanganiso. Bhala imizuzu yale ntlanganiso nesiCwangciso-nkqubo (ajenda) sayo. **[30]**

OKANYE

UMBUZO 3

Izikolo ezithile eMzantsi Afrika azizilungelanga iimeko zabantu abakhubazekileyo. Bhala inqaku eliya kumhleli weMagazini ngeenjongo zokucebisa uluNtu noRhulumente ngokubaluleka kokulungiswa kwazo zonke izikolo zilungele ezi meko. Zivelise iingxaki abahlangabezana nazo abafundi abakhubazekileyo kwizikolo ezingazilungela ezi meko. **[30]**

OKANYE

UMBUZO 4

NjengoSihlalo webhodi elawula abafundi (LRC) kucelwe wena ukuba wenze intetho evokothekileyo egameni labafundi besikolo ofunda kuso kumnyhadala wokwamkelwa kwabafundi abatsha bebanga-10. Kulindeleke ukuba ubazise ngazo zonke iinkqubo nemithetho yesi sikolo. Ungalibali ukubaxhobisa ngezinto eziza kubenza bahlale iminyaka emithathu kuphela njengoko kufanele kubenjalo. **[30]**

AMANQAKU EWONKE KWICANDELO B: 30

ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE

Bhala umhlathana ube MNYE kweli candelo. Umhlathana mawube ngamagama ali-100-120. Wubhale kwiphepha elitsha umhlathana lowo.

UMBUZO 1

Abazali bakho bathiwe jize nge-R100 000 nguQuality Visitors Club njengoko bengamalungu ayo. Umyalelo uthi mabandwendwele nentsapho yabo iidolophu ezintlanu zaseMzantsi Afrika ezineendawo ezinomdla, ngayo yonke le mali. Bhala amanqakwana kwidayari ngendawo nganye eniyindwendweleyo kwezi dolophu zintlanu. **[20]**

OKANYE

UMBUZO 2

Lukho uluvo oluthi umntu ngamnye usikelwe iminyaka engama-70 esidla ubomi nangona bekhona abadlulayo kule minyaka. Uyihlo ugqibe le minyaka ibhalwe ngasentla ngoku nigqibe nomama wakho ukuba nimenzele isihikahika setheko. Yila ikhadi lesimemo umemele abahlobo bakho kweli theko. **[20]**

OKANYE

UMBUZO 3

Bhala umyalelo oya kubafundi bebanga le-11 ngento emayenziwe ngumfundi ngamnye ofuna ukuphumelela iimviwo zokuphela konyaka. Lo myalelo mawube ngonyanisekileyo. **[20]**

AMANQAKU EWONKE KWICANDELO C: 20

AMANQAKU EWONKE KWICANDELO: 100